ISEBE LEZEMPILO

ULAWULO LWEPHONDO LENTSHONA KOLONI

ISIQULATHO

1. ULwakhiwo lweSebe

2. Imisebenzi yeSebe

3. Iinkcukacha zoqhagamshelwano negosa elilisekela lolwazi

4. Isikhokhelo seKhomishoni yamaLungelo oLuntu eMzantsi Afrika

5. Iingxelo

5.1 Inkcazelo yezinto ezigcinwe liSebe

5.2 Iingxelo ezivele zifumaneke

5.3 Indlela yokucela

6. Iinkonzo ezifumaneka kuluntu jikelele

7. Amalungiselelo avumela ukuthatha inxaxheba kwisiseko semigaqo-nkqubo kwakunye nokwenziwa kwemisebenzi

8. Izilungiso ezikhoyo ngokunxulumene nemithetho okanye ukungaphumeleli komthetho

1. ULWAKHIWO LWESEBE

ICANDELO 14(1)(a)



uMfanekiso 1



uMfanekiso 2



uMfanekiso 3



2. IMISEBENZI YESEBE

- Ukuqinisekisa ngonikezelo olubanzi nolusebenzayo lweenkonzo zenkathalelo yempilo
- Unikezelo loluhlu lwemisebenzi yonyuso lomgangatho wezempilo nokhuselo lwezigulo
- Unikezelo lweenkonzo zenkxaso esisigxina
- Unikezelo lweenkonzo zolawulo olusebenzayo.

I-OFISI YENTSUMPA JIKELELE

- Ukuncedisa iNtsumpa Jikelele kulawulo lweenkqubo zomsebenzi zemihla ngemihla
- Ukuqinisekisa ngendlela yokwenziwa kwamaxwebhu echanekileyo
- Ulungelelaniso loxanduva kwimibuzo enxulumene nomphathiswa
- Unikezelo lwenkonzo yobunobhala kwiintlanganiso zabaphathi abaphezulu
- Ugcino lwenkqubo yokufayilisha.

ICANDELO LOMLAWULO WONXIBELELWANO

- Ukwenziwa lula koqhagamshelwano phakathi kwe-Ofisi eyiNtloko yezeMpilo kunye nezibhedlele, iiklinikhi kunye namaziko eenkonzo zenkxaso
- Ukunyusa umgangatho wembonakalo kunye nokhuselo lwembonakalo yeSebe
- Ukunxibelelana kunye namaqela achaphazelekayo angaphandle, amajelo eendaba kunye namanye amaqela ekujoliswe kuwo
- Ulungelelaniso loxanduva kwiPalamente kunye nemibuzo yoluntu jikelele
- Ukuqulunqwa kweencwadi ezithunyelelwa abasebenzi kwisebe kunye nopapasho lwarhoqo ngonyaka
- Ulungelelaniso kunye nobhexesho lokuthatha inxaxheba kwamaqela achaphazelekayo ngokunxulumene neNkathalelo yeMmpilo ebizwa ngokuba yi-Health Care 2010.

ISETYANA ELIJONGENE NEENKQUBO

- Ukuqinisekisa ngamalungiselelo eenkonzo zempilo akwizinga eliphezulu kunye nafanelekileyo ngaphakathi kwisibhedlele iGroote Schuur kunye neRed Cross
- Ukuqinisekisa ngamamlungiselelo eenkonzo zempilo akwizinga eliphezulu kunye nafanelekileyo ngaphakathi kwisibhedlele saseTygerberg nesaMazinyo
- Ukuqinisekisa ngonikezelo lwenkonzo yezempilo esebenzayo nebanzi ngaphakathi kuMmandla woLawulo lweNqila
- Ulungelelaniso lwenkathalelo yonikezelo lweenkonzo zempilo yasengqondweni, kwimimandla kunye nonyango kwixesha likaxakeka.

ISETYANA ELIJONGENE NEEPROJEKTHI EZIZODWA ZEMPILO NOXANDUVA OLUTHUNGENALANAYO

- Ukwenziwa kokuqonda okukwizinga eliphezulu kuluntu jikelele malunga ngesifo uGAWULAYO neNtsholongwane yaso (HIV/AIDS) kwakunye nokunika ithemba kwabo bosulelwe sesi sifo se-HIV/AIDS
- Ukwenziwa kokuqonda okukwizinga eliphezulu kuluntu jikelele malunga ngesifo sePhepha (TB) kunye nonikezelo lwenkonzo yonyango kwizigulana ezinesi sifo sephepha (TB)
- Uphuhliso, ulungelelaniso kunye novavanyo lweenkqubo eziphawulweyo zeqhinga lobuchule kwezempilo ukuze kugcinwe amalungiselelo nomanyano kwimigangatho iyonke.

ISETYANA LOLAWULO

- Unikezelo lolawulo lohlahlo lwabiwo-mali olufanelekileyo kunye nolawulo lwezemali ngaphakathi kwiSebe
- Unikezelo, unyuso lomgangatho, uphuhliso kunye nogcino lwenkonzo esebenzayo kulawulo lwezabasebenzi

- Unikezelo lweenkonzo zenkxaso esisigxina.

ICANDELO LOMLAWULI OYINTLOKO KWEZEMALI

- Ulungelelaniso lwemiba iyonke enxulumene neenkonzo zesebe kuphicotho-zincwadi zemali
- Unikezelo lolawulo olusebenzayo kwezemali kunye nemigangatho efanelekileyo
- Ukongamela ukuthotyelwa kwemigaqo-nkqubo yezemali kunye nemigangatho
- Unikezelo olusebenzayo lwamalungiselelo olawulo.

ICANDELO LOMLAWULI OYINTLOKO KULAWULO LWEZABASEBENZI NOLAWULO JIKELELE

- Unikezelo lwenkonzo esebenzayo yezabasebenzi
- Ukunyuswa komgangatho ofanelekileyo kunxulumano lwezabasebenzi ngaphakathi kwiSebe
- Ukuphuhliswa kunye nokugcinwa kophuhliso olusebenzayo lwabasebenzi, uqeqesho kunye neenkonzo zolwakhiwo lwezikhundla kubasebenzi kunye nemimandla yoluntu
- Unikezelo lwenkonzo yenkxaso kulawulo lwamasebe asebenza ne-Ofisi eyiNtloko.

ICANDELO LOMLAWULI OYINTLOKO KWIINKONZO EZIVUNYIWEYO ZENKXASO

- Ukusekwa kunye nokuzalisekiswa kwemigaqo-nkqubo efanelekileyo yezempilo
- Unikezelo lolwazi olufanelekileyo kulawulo lweenkonzo zizonke zempilo
- Unikezelo lweenkonzo ezisebenzayo zobunjineli kunye nenkxaso kwezobugcisa

- Ukuqinisekisa ngeenkonzo ezibanzi, ezisebenzayo nezinexabiso elifikelelekayo zamayeza
- Unikezelo lweenkonzo ezisebenzayo ekwenzeni uphando nemilingo yobunzululwazi (elebhu)
- Unikezelo lweenkonzo ezisebenzayo zasenkundleni kunye nonyango ngokwasemthethweni.

ICANDELO LOMLAWULI OYINTLOKO KULAWULO LOSHISHINO

- Ukumiswa ngokufanelekileyo kwezibonelelo zabucala zempilo
- Unikezelo lwamaphepha-mvume kwizibonelelo zabucala zempilo
- Ukukhuthazwa kwe-Public Private Interaction (PPI) ukuquka noomahlulelane (PPP)
- Ulawulo lwezempilo kumaziko ezempilo kwiphondo
- Ulwakhiwo lophuhliso kunye nolawulo.

3. IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO ZEGOSA LENGCACISO ELILISEKELA
ICANDELO 14(1)(b)

Prof K.C. Household
4 Dorp Street/PO Box 2060
CAPE TOWN
Inombolo yefowuni: (021) - 483-3764
Inombolo yefeksi: (021) - 483-5677
E-mail: khouseha@pawc.wcape.gov.za

4. ISIKHOKELO SENDLELA YOKUSEBENZISA UMTHETHO ICANDELO 14(1)(c) SEKOMISHONI YAMALUNGELO OLUNTU LOMZANTSI AFRIKA

Isikhokelo sendlela yokusebenzisa umthetho oyiPromotion of Access to Information Act, 2000, siya kufumaneka kwiKomishoni yaMalungelo

oLuntu loMzantsi Afrika ingedlulanga inyanga kaAgasti 2003. imibuzo ingabhekiswa kwi:

South African Human Rights Commission
PAIA Unit
The Research and Documentation Department

Idilesi yePosi: Private Bag 2700
Houghton
2041

Ifowuni: 011 – 484 8300
Ifaksi: 011 – 484 1360
IWebsite: www.sahra.org.za
E-meyile: PAIA@sahra.org.za

5. IINGXELO ICANDELO 14(1)(d)

5.1 INKCAZELO YEZINTO EZIGCINWE LISEBE

- Uwiso-mthetho
  - IMithetho eNxulumene nezeMpilo
  - IMithetho engeminye
- Imibuzo yasePalamente / iiMpendulo
- Imihlaba kunye nezakhiwo
- uLawulo lwaBasebenzi
- uNxibelelwano lwezaBasebenzi
- uNyango ngokwaseMthethweni
- uLawulo lwezeMali
- uLawulo lwaMalungiselelo
- uPhuhliso lwezaBasebenzi
- Abacebisi
- Ukuqeshwa kweekhontrakthi okanye izivumelwano zethutyana

- iiNkonzo eziNcedisayo
- uNxibelelwano loLuntu
- iiKomiti/ iiNtlanganiso
- uLawulo lweeNgxelo
- uMgaqo-nkqubo wezeMpilo
- uLawulo lweziGulana
- iiNkonzo zeNkxaso kwezeMpilo
- iiNkqubo kwezeMpilo
- OoGqirha abatyandayo kwiziThili
- iiBhodi zesibhedlele / iiBhodi zeziBonelelo zeMpilo
- uLawulo loLwazi
- uCwangciso noLawulo loShishino
- uPhando
- iiNkonzo zeeKlinikhi.

5.2 IINGXELO EZIVELE ZIFUMANEKE

INKCAZELO NGEENDIDI ZEENGXELO EZIVELE ZIFUMANEKE PHANTSI KWECANDELO 15(1) LOMTHETHO OBIZWA NGOKUBA YI-PROMOTION OF ACCESS TO INFORMATION ACT, 2000	**INDLELA YOKUFIKELELA KWEZI NGXELO**
INKCAZELO NGEENDIDI ZEENGXELO EZIVELE ZIFUMANEKE EKUKOPENI NASEKUTHENGENI PHANTSI KWECANDELO 15(1) (a) (i)	
(a) Iingxelo zonyango ngeenjongo zenkathalelo yonyango oluqhubekekayo (referral). (iNgxelo yoNyango: eli gama lisetyenziswa nokutshintshwa kwengxelo yaseklinikhi kwaye	Iikopi zamaxwebhu omgaqo-nkqubo kwisebe, izikhokhelo kunye nezibhalo zokuqala zomnqophiso (protocols) zingafumaneka ngokuhlawula umrhumo ochaziweyo kwiziko

ibhekiselele kulo naluphina uxwebhu okanye ingxelo engayo nayiphina indlela, nethi ifumbeke ngexesha lonyango lwesigulane, kodwa oku akuquki amaxwebhu aqulunqwe ngokunxulumene umangalelwano okanye umangalelwano olusamisiweyo) Oku akuquki iingxelo zonyango kwizigulane ezigula ngengqondo (nezifumaneka phantsi kwecandelo 30 lomthetho obizwa ngokuba yi-Promotion of Access to Information Act). (b) Iingxelo zonyango kunye namaxwebhu olawulo angenziwa ukuba afumaneke kwizigulane, abameli bazo ngokwasemthethweni okanye ummeli wasemthethweni othe waqeshwa, kuphela emva kokugqithisa imvume ebhaliweyo esayinwe sisigulane. Akukho lwazi oluya kugqithiswa kuye nawuphina umntu ongomnye. (c) Lonke upapasho olunxulumene nezempilo ukuquka iincwadana, amaphetshana kunye neebrowutsha ezenziwe ukuba zifumaneke kumaSebe ezeMpilo kwiphondo nezisasazwa ngaphandle kwentlawulo kuluntu jikelele.	lezibonelelo zempilo elikufutshane nawe okanye kwiziko ngokuthi ucele oku kwi-Ofisi yeNtsumpa Jikelele yezeMpilo. Iikopi zengxelo yonyango zingafumaneka ngokuhlawula umrhumo ochaziweyo kwiziko lezempilo ngokugqitha kwi-ofisi yentloko yeziko elo.

5.3 INDLELA YOKUCELA

- Umntu owenza isicelo kufuneka asebenzise iFomu A neyenzelwe ukusetyenziswa kwimimiselo epapashwe ngokwemiqathango yomthetho oyiAccess to Information Act (Government Notice R233 of March 2001).

- Umrhumo wesicelo ngama-R35,00 kwaye ahlawulwa ngaphambi kokuba kusetyenzwe ngeziscelo.

- Kukho imimiselo eyenziweyo kule fomu ikhankanywe ngasentla ukuze lowo wenza isicelo abonise ukuba ingaba uyayifuna na ikopi yengxelo okanye ufuna ukuyijonga nje.

- Le fomu ikwachazela ocelayo ukuba abonise ukuba luluphi na ulwimi afuna ingxelo le ikhutshwe ngayo, nakuba kungekho zimbophelelo kweli sebe zokuba iguqulwe.

- Ocelayo angabonisa kwakhona ukuba ufuna ibe kweyiphi na imo ingxelo leyo (ok.kkt. ibe sephepheni, ibe sekhompyutheni, njl,njl). Kuya kuqhutywa ngale ndlela ngaphandle kokuba ukwenza oku kuye kwaphazamisana neSebe eli ekuqhubeni imisebenzi yalo okanye ngezizathu ezithile akuyi kubakho mvume yokufikelela kule ngxelo iya kukhutshwa kwifomu.

- Umrhumo wesicelo kufuneka umntu ocelayo umzekelo xa efuna iikopi zengxelo ecelwayo. Kwezinye iimeko, umntu ocelayo kufuneka akhuphe idiphozithi. Lowo ucelayo angafaka isibheno sangaphakathi malunga nokuhlawula le mirhumo. Umrhumo ohlawulwa ngokuphathelele kwisibheno sangaphakathi yiR50,00. Xa ngaba umntu ocelayo efake isibheno sangaphakathi, kufuneka kuzaliswe uFomu C (ekhutshwa kwiSaziso soRhulumente esinguR233 somhla we 9 kuMatshi 2001).

- Xa kuthe inkqubo elandelwayo yokubhena yangaphakathi yarhoxiswa waza umntu ocelayo wabe akakoneliseki ziziphumo, kungadityanwa nenkundla ukuze ibe yiyo ekhupha umyalelo ofanelekileyo.

- Ukufikelela kwezi ngxelo kuya kuqhutywa de imirhumo efunekayo ibe ihlawulwe.

- Ingcaciso ingacelwa egameni lomnye umntu, kodwa eyona nto ifunelwa yona ingcaciso leyo kufuneka ixelwe.

- Ukuba umntu ocelayo akakwazi, ukufunda okanye ukubhala, okanye akakwazi ukuzalisa ifomu ngenxa yokukhubazeka, isicelo eso singenziwa nangomlomo. Igosa lengcaciso, okanye umntu ungummeli, kufuneka ibe nguye ozalisa ifomu

6. IINKONZO EZIFUMANEKA KULUNTU JIKELELE ICANDELO 14(1)(f)

Iinkonzo zeSebe kwiiklinikhi kunye nezibhedlele zifumaneka ngale ndlela ilandelayo:

- Imiba yexesha likaxakeka iqwalaselwa yinkonzo yonyango yexesha likaxakeka. Bangafumaneka kule nombolo: 10177. Kwimiba yexesha likaxakeka, igosa lonyango lexesha likaxakeka liya kusikhwelisa isigulana lisise kwiziko elifanelekileyo lonyango.

- Kwimiba engeyiyo eyexesha likaxakeka, isigulane eso siya kufowunela kwiklinikhi ekufutshane naso. Ukuba kufuneka unyango olulodwa, igosa lonyango elinyanga isigulane eso liya kunikeza ileta egqithisela isigulane eso kwisithili, kwisibhedlele esingesinye okanye iziko eliphezulu lonyango ukuze sifumane unyango olungolunye.

Iinkqubo ezizintlobo ngeentlobo ze-HIV/Aids nezinye iinkqubo zezeMpilo zingafikeleleka ngokuqhagamshelana namaCandelo oMlawuli we-HIV/Aids kunye noPhuhliso lweNkqubo kwiSebe lezeMpilo ngaxesh'anye.

Kwimiba yeenkonzo zizonke kwakunye nemibuzo jikelele, uluntu jikelele lunikezwe uluhlu olubanzi lweenombolo zoqhagamshelwano kwincwadi enamaphepha amhlophe yoluhlu lweenombolo zefowuni.

7. AMALUNGISELELO AVUMELA UKUTHATHA INXAXHEBA KWISISEKO SEMIGAQO-NKQUBO KWAKUNYE NOKWENZIWA KWEMISEBENZI

ICANDELO 14(1)(g)

Ukuqukwa koluntu jikelele kumiso lwemigaqo-nkqubo lwenzeka ngeendlela ezohlukeneyo, ngokuxhomekeka kumgangatho wokuthatha inxaxheba kwalo okufunekayo. Iindlela zokuthatha inxaxheba koku ziquka oku kulandelayo:

- Isimemo kwiingxelo zamajelo eendaba ekumemeni uluntu jikelele ukuba lugqithise izimvo zalo kumaxwebhu engqiqo
- Ukuthatha inxaxheba komntu ngamnye kwimibutho esekelwe ekuhlaleni, esekelwe kwinkolo kunye nemibutho engekho phantsi korhulumente nenokuthi imele uluntu kwimimandla esebenza nayo
- Ukwaziswa ngokwaseburhulumenteni kumajelo eendaba zikarhululmente kunye namaphephandaba kazwelonke, awephondo kunye namaphephandaba oluntu jikelele kwimimandla
- Ukwaziswa kumajelo eendaba ngekhompyutha anjengoonomathotholo kunye nomabonwakude
- Iincwadana ezifundisayo kunye nezikhokelo.

8. IZILUNGISO EZIKHOYO NGOKUNXULUMENE NEMITHETHO OKANYE UKUNGAPHUMELELI KOMTHETHO
ICANDELO 14(1)(h)

Umgaqo-nkqubo wesebe unikeza uhlelo ngokutsha lwangaphakathi okanye inkqubo yesibheno. Xa inokuthi le nkqubo ipheliswe, okanye kungabikho malungiselelo awenziweyo kwinkqubo enjalo, kungaqhagamshelwana nenkundla ukuze kufumaneke umyalelo ofanelekileyo